Ukucula inyaniso

Ibali likaMiriam Makeba

Louwrisa Blaauw Bianca de Jong Jade Mathieson

Ukucula inyaniso

Lencwadi yeka



Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.

Ukucula inyaniso: Ibali likaMiriam Makeba
Illustrated by Louwrisa Blaauw
Written by Jade Mathieson
Designed by Bianca de Jong
Translated by Nal'ibali
with the help of the Book Dash participants in Cape Town on 30 August 2014.

ISBN: 978-1-928377-83-2

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

Ukucula inyaniso

Ibali likaMiriam Makeba

Kudala-dala, kwisixekokazi esikhulu saseRhawutini, kwazalwa umntwana oyintombazana. Loo mntwana yayindim lo. Umama wam wandithiya igama lokuba ndinguZenzile Miriam Makeba.

Umama wayeligqirha, nangona
umsebenzi wakhe yayikukucoca
amakhaya abanye abantu.
Kwakunzima kumama ukuba
nemali eyanele thina sobabini.
Waqalisa ukuthengisa umqombothi
ukuze abe nemali eyaneleyo.

Imithetho yelizwe yayingakuvumeli ukuthengisa umqombothi. Amapolisa amvalela esiseleni umama iinyanga ezinde, ezintandathu. Ndandineentsuku nje ezili-18 ubudala ngoko, ndimdinga kakhulu umama wam. Ngoko ke, nangona ndandilusana, ndavalelwa esiseleni nomama nam.

Ndiseyintombazanana encinane ndandithanda ukucula. Ekukhuleni kwam, ndancedisa umama wam ukucoca izindlu zabantu. Ukucula iingoma xa ndisebenza kwakusenza umsebenzi ube khaphukhaphu kwaye ndikonwabele oko ndikwenzayo. Ukucula kwakundonwabisa kakhulu, kangangokuba ndidinga namazwi okucacisa indlela okwakundonwabisa ngayo.

Ndandicula ecaweni, kwaye oko kwakubonwabisa nabanye abantu. Umculo unamandla okudibanisa abantu. Xa sicula sasiziva sikhaliphile kwaye somelele.

Abantu babesithi ilizwi lam lisisipho
kwaye neengoma zam zikhethekile.
Ndacula nezinye iimvumi waze umculo
wethu waviwa kwihlabathi jikelele.

Ikhaya lam laliseSophiatown, indawo yenkcubeko nomculo; indawo apho abantu baseMzantsi Afrika babesenza khona umculo ngoxolo bedanisa kunye. Nangona kunjalo, abantu ababelawula ilizwe ngelo xesha babengabuthandi obu bunye. Abo balawuli babengafuni tu ukuba abantu abamnyama nabamhlophe babengabahlobo.

Ndandisazi ukuba yinto embi
ukucalucalula abantu ngenxa yebala
labo. Zange ndizifihle izimvo zam,
kangangokuba abantu abalawulayo
babefuna ndibhace, ndishiye
ilizwe lam. Ndaya kucula eMelika.
Ndaxelelwa ukuba andisayi kuphinda
ndikwazi ukubuyela ekhaya.

Abantu kwihlabathi jikelele beva ngebali lam. Iingoma zam kunye nebali lam zanceda abantu abaninzi ukuba babone ukuba kukho ukungalingani eMzantsi Afrika ngakubantu abamnyama. Ndagqiba kwelokuba ndiqhubeke nokucula, ndibalisa ngento eyinyani eqhubeka elizweni lam, nokuba kunjani na.

Ihlabathi laliwuthanda umculo wam kwaye ndamkelwa ngezandla ezishushu kumazwe amaninzi. Ndaphumelela iimbasa ndaza ndaculela abantu ababalulekileyo kwihlabathi jikelele. Ubomi bam babumnandi, kodwa kwakukho into eyayingangathanga ncam neyayivakala isilela. Ndandingakwazi ukucula kwilizwe lam, kwaye nabantu apho babengakhululekanga.

Usuku olubalulekileyo lwafika akuba ngumongameli waseMzantsi Afrika uNelson Mandela. Kwakuphethe abantu abatsha kwaye imithetho yocalucalulo yabhangiswa. Ekugqibeleni ndabuyela ekhaya ndinethemba elitsha entliziyweni yam.

Emva koko ndandikwazi ukucula elizweni elikhululekileyo, elingenalucalulo. Abantu abaphuma kwiintlanga ezahlukeneyo babewonwabela umculo wam. Ndanceda ukwenza oku kwenzeke kuba ndandikhaliphile kwaye ndomelele. Ndandicula inyaniso kwiingoma zam zonke.